Njhani? Mhaka ya decolonisation yi anamile. Ma tsundzuka leswaku tolo ka siku mulungu a a tshikelela wantima, kambe endzhaku ka ntshuxeko ku vile ni ku cinca ko karhi. Eka siku ra namuntlha vantima vo tala va ha hanya evuswetini lebyikulu kuveni valungu va ya emahlweni va tikhorwisa hi swilovolovo swa tiko ra Afrika Dzonga. Leswi swi khunguvanyisa wantima swinene ngopfu, van’wana va twa onge Nkulukumba Mandela a a fanele a hlongorile valungu endzhaku ka loko a vile murhangeri wa tiko ra hina hikuva namuntlha ku ni ku tshukerisana ka mahlo swi nga heli. Wantima u hlundzukile loko na yena mulungu a ri ni ku chavela ku tekeriwa ndzhaka leyi a ngo i ya yena.

Xana maendlelo lawa ya vangaka ntshikelelo hi wahi? Xivangelo-nkulu i mhaka ya leswaku maendlelo ya swilo laha tikweni ya ha vevukisela mulungu vutomi ku tlula wantimeni. Hi kule hi ri karhi hi dyondzisiwa leswaku valungu i tinghwazi ku sukela eswikolweni, kharikhulamu a a yi tshikelela hi laha vanhu vo fana na va Jan Van Riebeeck a va ri ni vutlhari ha kona. Leswi swi byala moya wo pfumala vutitshembi eka wantima.

Matshala-tshala yo herisa colonisation hi la manene, munhu un’wana na un’wana u fanele ku amukeleka kwihi ni kwihi etikweni ra hina. Eka hinkwaswo leswi nga eku humeleleni muchudeni un’wana ni un’wana u na matitwelo ya yena mayelana ni mhaka leyi. Ndlela leyi valungu ni vantima va langutanaka ha yona sweswi himpfhuka ku va na nkwetlembetano wa decolonisation wu cincile.

Mavonelo ya machudeni man’wana hi lama landzelaka: Wo sungula i Mashudu Muridili, loyi a endlaka tidyondzo ta Engineering na Sayense.

Matimba: Xana u titwa njhani hi switandzhaku leswi nga eku humeleleni sweswi mayelana ni decolonisation?

Mashudu: Kahle-kahle mhaka leyi a yi fanele yi lulamisiwile khale xihlawuhlawu xa ha ku hela. I mhaka ya khale leyi.

Matimba: A swi ta va swi endlisiwile ku yini hi nkarhi wolowo?

Mashudu: Swo tala a swi fanele swi cinciwile. Xa nkoka ngopfu i kharikhulamu ya le swikolweni, a yi fanele yi cinciwile. Leyi hina hi nga kula hi yona yi lo ya emahlweni yi tiyisisa mhaka ya colonisation ku ya emahlweni.

Matimba: U vona onge hi le ku kumeni ka xintshuxo kumbe e-e?

Mashudu: A ku na laha hi yaka kona, swi le rivaleni sweswo. Xiphiko-nkulu hi leswaku a hi le ku hlanganeni hi va xilo xin’we. Ku na ku kokelana etlhelo. Loko wantima o vulavula hi mhaka leyi exikarhi ka valungu va sungula ku suka, a va lavi leswaku hi hlanganisa tinhloko, a yi va khomi kahle mhaka leyi. Xin’wana lexi nga pfunaka ku nga va loko tikhoso to fana na GC1, GC2 tiendliwa hi machudeni hinkwawo, a swi ta pfuna ngopfu.

Wo hetelela a nga lavanga ku tiboxa vito:

Matimba: Xana u titwa njhani hi switandzhaku leswi nga eku humeleleni sweswi mayelana ni decolonisation?

Nhlamulo: Vantima va sungula ku ntshuxeka no kota ku humesela ehandle matitwelo ya vona va nga ri ni ku chava

ni swintsanana. Matimba: Xana u ehleketa onge valungu va titwa njhani vona?

Nhlamulo: Valungu vo tala va ha ri na xihlawuhlawu kwala UCT. Vo tala a va lavi na swintsongo ku vulavula hi timhaka leti. Loko ku ri van’wana, va ni ku chava leswaku vantima va ta va tekela rifuwo leri va nga ni rona sweswi. Kahle-kahle valungu a va lavi ku ringana na vantima, va lava ku tshama va tshikelerile vantima.

Matimba: U vona onge hi le ku kumeni ka xintshuxo kumbe e-e?

Nhlamulo: Hi swintsongo-swintsongo. Hi ta kala hi fikelela, swi to teka nkarhi. Loko hi xiya vutomi bya namuntlha vantima vo hlaya va rhangela tikhamphani to karhi, va kota ku nghena eka switulu swa le henhla va rhangela no endla swiboho leswikulu.

The environment that we are in now has changed as compared to a few years ago. Anger from black people is now coming out openly, they want what belongs to them. Some students feel that after the recent political actions on campus they have become freer to express their views. On the other hand, others are of the opinion that we still have a long way to go concerning decolonisation on our campus and in South Africa as a country.



PHAROLOGANTSHO YA DIYUNIBESITI TSA AFORIKA BORWA GO DIYUNIBESITI TSA MAFASE A MANGWE SPOT THE DIFFERENCE: SOUTH AFRICAN UNIVERSITIES VS FOREIGN UNIVERSITIES

PHEEHA MOLEFE
Sepedi

Aforika Borwa e keteka masomepedi pedi a mengwaga ya tokologo ya kgatelelo ya batho baso. Go molaleng gore go bile le diphetogo mola le mola tseo di fetotšego maphelo a batho. Maphelo a batho a kaonafetše kudu mola tokologo e gatang. Re lemoga gore maAforika Borwa a palelwa ke go šomiša tokologo ka moka ga yona le ka mokgwa wa maleba. Mmušo wa kgatelelo o fitile ebile re lebetše ka wona; efela re sa phela goya le ka mekgwa le sepidišo ya mananeo a diyunibesithi tša ka mafeseng a ka ntle.

Dikolo tše dintši di sa le mo maemomg a go hlobagetša ka mabaka a go hloka di dirišwa tseo di hlokegago go thuše ka go hlahla barutwana gore ba be mo maemeng a makaone, mme ba kgone go tsenela dithuto tša diyunibesithi ntle le mathatha. Baithuti swanetše ba fiwe nako ye e bonalago pele ba ka kgona go kgwahlesela go seemo sa di yunibesiti. Di thuto tseo di dirwago ka mengwaga ye meraro goba ye mene di swanetše gore di okeletšwe mengwaga, ka ngwaga o tee goba ye mebedi, seo se tla thuša baithuti gore ba ithute bonnyane ka fao b aka kgonago ka gona.

Ke bolediša ke gore o humane palo ye ntši ya baithuti e gapeletšega go lesa dithuto tša bona ka lebaka la gore ba palelwa ke go ithuta dilo tše dintši ka ngwageng ba feletša ba paletše ke go tšwelela mafelelong a ngwaga; kudukudu baithuti ba baswa diyunibesithing. Kgwekgwe ya taba ke gore diyunibesithi tša ka mafeseng a ka ntle di na le ditirelwa tša go thekga baruwana gore ba kgone go tsenela dithuto tša godimo mola Aforika Borwa e se na tšona.

Go šala diyunibesiti tša mafase a ka ntle morago e no ba moipolai yo a sa llelwego. Aforika Borwa e hloka di enginiya, dingaka, boramahlale le ditsebi tše dingwe gore e fihlelele tokologo ka botlalo. Hlokego ya ditsebi e tlo tšwela pele go hlobaetša ge re ka se sepedišo dilo go ya le ka moo di re dumelelago ka gona. Re nyaka go hlahla ditsebi ka nako ye nyane eupša re a palelwa, go thušang? Aforika Borwa e swanetše go šomiša tokologo go netefatša gore dilo di sepetšwa go ya le ka mokgwa woo di tla letefaletšang badudi ba yona bophelo.

South Africa should use power gained from acquiring freedom and start running universities in such way that it will help students to excel. The current system that we use is derived from abroad, whilst forgetting that those countries developed those systems in such a way that are suitable and aligned to their educational system. There is a recorded high number of drop outs at universities due to high pressure which needs to be absorbed before students can settle. That is the reason I propose extensions of curriculum period across the field of studies to enable students to settle. This serves to support the idea of decolonization.



Image credit: cargocollective.com

LUZA KUPHELA NINI UCALUCALULO KUMAZIKO EMFUNDO EPHAKAMILEYO KWIPHONDO LENTSHONA KAPA?

MZUKISI BOMANA
isiXhosa

“NDINEPHUPHA” La mazwi athethwa nguMartin Luther King, Jr. ngoAgasti 28, 1963. Le nkokeli eyayisilwela amalungelo abantu eMelika yawathetha la mazwi kwiminyaka engamashumi amahlanu eyadlulayo, kweyona ntetho yayo idumileyo. Le ndedeba yayisithi inethemba lokuba ngenye imini abantu baya kuhlala kunye ngoxolo kungekho buhlanga. Nangona wayethetha nabantu baseMelika, eli phupha lakhe liye lanefuthe kubantu beentlanga ezahlukeyo kumazwe amaninzi. Ngomnyaka ka-1994 mhla kwakubekwa uMnu. Nelson Rholihlahla Mandela njengoMongameli wokuqala omnyama weli loMzantsi Afrika, uninzi lwabantu abamnyama babenovuyo kwaye bezele lugcobo kuba uNelson Rholihlahla Mandela kwakunye nesigqeba sakhe sasibathembise ngenkululeko kwakunye nokuphelisa ucalucalulo phakathi kwabantu abamhlophe, abebabala kwakunye nabamnyama.

Njengommi weli loMzantsi Afrika nomfundi kwiDyunivesithi yaseNtshona Kapa (UWC) andikakuboni oko kusenzeka! Into endiyibonayo ucalucalulo nobuhlanga luseluninzi eNtshona Kapa ingakumbi kumaziko emfundo ephakamileyo, kwaye yinto eyenzeka mihla nezolo. Uninzi lwabafundi abamnyama kwiidyunivesithi zeli phondo abaziva bamkelekile kuzo, kwaye uninzi lwabo luyakhala ngempatho abayifumana kubaphathi beedyunivesithi,

ngendlela abafundiswa ngayo kwakunye nempatho abayifumana kubafundi abamhlophe kwakunye nabebala. Sonke siyayazi indlela esiphetheke ngayo eNtshona Kapa. Xa ungenguye umntu omhlophe okanye owebala ujongelwa phantsi kuba kaloku abantu abamhlophe kwakunye nabebala bacinga iNtshona Kapa yeyabo bodwa, thina bantu bamnyama asifanelanga kuba lapha, kwaye asifanelanga kuzakufunda kwiidyunivesithi zeli phondo. Mna ndithi mayiphele loo nto! Sidikiwe kujongelwa phantsi nokuphathwa kakubi ngabantu abamhlophe nabantu bebala. Ibala lethu limnyama kwaye asiyonto sizikhethelayo, okanye esiyithenge evenkileni. We’re black and we are proud! Akukho apho sizakuya khona, kwaye asizokugxothwa ngabo. Ngumhlaba wokhokho bethu! Sinelungelo lokunyathela kuwo ngokukhululekileyo nokuthetha iilwimi zethu zakwaNguni ngokuzingca.

Njengabafundi bebala elimnyama kwiidyunivesithi zephondo leNtshona Kapa, sithi phantsi ngokujongelwa phantsi ngabantu abamhlophe kwakunye nabebala. UCALUCALULO NOBUHLANGA LUYAMA NGXI NGATHI!

Even more than before, black students in the universities of the Western Cape feel unwelcome. Some feel that it is some of those who claim to be originally from this province make it a point that black students, who are told that they do not belong here, do not feel welcome. On the other side, these othered students vow to make it clear that this is their country and so they belong wherever they go to within the borders of this country.



Image credit: <http://www.groundup.org.za/media/features/uwcsmarch/>

YAZINI KWAZA
isiXhosa

Ayikokuchitha
xesha na ukufunda
ngedictionary” imibuzo
elolu hlobo ivela qho xa
bafundi abenza ilexicography bephuma kwizifundo
abo zelexicography. Abangakuqondiyo kukuba
ukufunda ngezichazi-magama kubalulekile kwaye yenye
eendlela enokunceda ukuphuhlisa iilwimi zesiNtu.
Lexicography lufundo banzi ngezichazi magama, oku
luquka ukusisebenzisa, ukusihlela kunye nokusihlalutya.
Ukusihlalutya kubaluleke ukogqitha zonke ezinye
ubaba kunika ithuba lokuba abathethi bolwimi olo
lukwisichazimagama babenako ukunika izimvo zabo nento
eyo encedayo ukuphuhlisa iilwimi zesiNtu ezisasilelayo
engenxa yokongamela kolwimi lwasemzini, isiNgesi.

Uhlalutyo zichazimagama yiyo nayiphi na into
bhaliweyo malunga nesichazimagama nokuba iyancoma
kanye iyagxeka na,utsho u Piet Swanepoel xa ecacisa
yona luyiyo uhlalutyo lwezichazimagama kwiphepha
akhe elithi: Towards a Framework for the Description and
Evaluation of Dictionary Evaluation Criteria. Ukuhlalutya
zichazi magama kubaluleke kanye kanje ngokuba
zichazimagama zibalulekile. Amagama afumaneka
kwisininzi sezichazimagama, ngamagama asetyenziswa
nihla le, kungenjalo ngamagama amatsha afundwayo
ngabantu ukuze bakwazi ukuwasebenzisa mihla le, into
thetha ukuba, ukuba kukho ingxaki kwisichazimagama
ulwimi luyachaphazeleka. Kaloku uhlalutyo zichazi
magama lunceda ekuphuhliseni ulwimi, yiyo loo nto
uhlalutyo zichazimagama lubalulekile.

Uninzi lwabantu abachaphazelekayo zizichazimagama
aye bafune ukuba izimvo zabo ngezichazimagama
ivakale nento leyo ikhuthazwayo ngababhali
ezichazimagama. Noxa kunjalo, ezinye zezi zimvo aziye
ibeluncedo kuba hayi yonke into ebhaliweyo ngesichazi
magama luhlalutyo lwesichazimagama. Umzekelo iOxford
English- Xhosa Dictionary (OEXD) nepapashwe ngo-2014
khwazwe kumajelo osasazo kusithiwa ilikhuphe latsola
kuba igama elithi condom ngukhondom ngesiXhosa. Le
ngxelo, nebonakala ngathi luhlalutyo lwesi sichazimagam
-OEXD ayilulo uhlalutyo lwesichazimagama.
Okokuqala, ayiloncedo kubabhali kunye nabasebenzisi

besichazimagama kuba ayibonakalisi ngxaki ngale
ngcaciso okwesibini ayiniki mkhombandlela wokuba
yintoni engalunganga kwaye kumele ukuba kwenziwe
ntoni ukulungisa loo nto ingalunganga. Oku kunganabi
(ukucacisa iingxaki kunye nezisombululo zazo) kwabantu
abahlalutya isichazimagama kunokubangelwa kukuba
uninzi lwabantu lukholelwa ukuba nabani na osebenzisa
isichazimagama unegunya lokusihlalutya kodwa akukho
njalo kuba ukuhlalutya isichazimagama kunemigaqo yaso
nto leyo ethetha ukuba hayi nabani na unako ukusihlalutya
isichazi magama. Kwakhona ukuba siqaphela ingxelo
eyenziwe ngamaphepha ndaba nge-OEXD sinokuqaphela
ukuba aba bantu ziintatheli nekunokwenzeka ukuba
azinalo ulwazi ngohalutyo lwezichazi magama.

USamukele Hadebe weDyunivesithi yaseZimbabwe kwiphepha lakhe elingapapashwanga, uthi ukusebenzisa isichazimagama ungenalwazi luphangaleleyo ngaso kufana nqwa nokugxeka isakhiwo sendlu kuba uhlala kuyo kodwa ungenalwazi ngokwakhiwa kwezindlu. Oku kubonisa ukubaluleka kolwazi okanye kwemigaqo ebalulekileyo enokusetyenziswa xa ubani ehlalutya isichazimagama kwaye kubonisa ukuba xa ubani engenalo olu lwazi lokuhlalutywa kwezichazi-magama kungakhokelela ekubeni ubani angahalutyi ngokuyinyaniso. UDion Nkomo kwisigxeko-ncomo iOxford Bilingual School Dictionary uthi, idictionary culture, nelulwazi lwezichazi-magama ibalulekile ekuhlalutyeni izichazimagama., Olu lwazi luquka ukwazi ukuba sibhalwe ngubani esibhalela bani, ngeenjongo ezithini. Ukuba ngaba isichazi-magama siyiphendule kwaye sayenza ngokuyimpumelelo le mibuzo ingasentla, loo nto inokuthetha ukuba siwenzile umsebenzi ebesimiselwe ukuwenza kwaye ubani osihlalutyayo kufuneka ejonge loo nto xa esihlalutya.

Eyona nto ingundoqo kukuba ubani azazi ukuba ujongantoni xa ehlalutya isichazimagama, iqweqwe okanye ubukhulu besichazimagama abunanxaxheba iinkulu ekuhlalutyeni isichazimagama kuba kaloku eyona njongo iphambili ekuhlalutyeni isichazimagama kukuphuhlisa ulwimi. UHadebe uhambisa athi kubalulekile ukujonga ixabiso lobulunga lolwazi, ukuchaneka kwamangeniso esichazimagama, ingakumbi kulwimi lwesiXhosa kuba kukho amagama anethoni enye, upelo olunye kodwa

ethetha izinto ezahlukileyo, umzekelo ibala. Kubalulekile kwakhona ukujonga ukuba ngaba amagama acaciswe lula na ngohlobo asetyenziswa ngalo nokuba aqondeka lula na, nokujonga ukuba ngaba amagama afakwe ngemmo elandelelanayo na. Izinto ezifana nobungakanani besichazimagama zibalulekile ukuphuhlisa injongo yesichazi-magama kodwa ayidlali ndima ingako ekuhlalutyeni. Le migaqo yokuhlalutya izichazimagama ngendlela ingayimpumelelo ekuphuhliseni ulwimi, ababhali bezichazi magama kunnye nabasebenzisi bezichazimagama. Oku kulikhwelo elibonisa ukubaluleka kokufunda nzulu ngezichazi –magama nanjengoko izichazimagama zingumthombo wolwimi. Ukutsho oko, xa abantu bengafundi ngezichazimagama nangohlalutyo lwazo ithetha ukuba kusezakuba nzima ukuphuhlisa ulwimi, oku kubonisa ukubaluleka kofundo lwezichazi-magama kuba ulwimi lukwizichazimagama kwaye ukuphuhla nokungaphuhli kwalo kuxhomekeke ekuhlalutyweni kwezi zichazimagama.

Lexicography is an imperative practice in the development of indigenous languages. This is done through allowing space for the users of dictionaries to have a say as to how easy, how clear and how relevant dictionaries are in their everyday language.




Image credit: <http://pictures.abeebooks.com>




Image credit: <http://images.bidorbuy.co.za>

MASIFUNDENI MZ'ONTSUNDU, SINGAZILIBALI UKUBA SINGOBANI YINTONI UKUDIBANA KOBUNTU (INTERSECTIONALITY)?

PATIENCE BIKITSHA
isiXhosa

Ndikhule ndilangazelela ukuthetha, ukufunda nokusibhala isiNgesi. Nangona ndandimncinci ndingekaqondi, lwalusekhona ulwazi lokuba isiNgesi lulwimi olubalulekileyo, futhi nolunokukwazi ukundivulela iingcango ezininzi.

Ndiye ndafunda kwisikolo sasedolophini, ndatsho ndakwazi ukufunda isiNgesi. Kodwa ke, xa ndijonga ngasemva ndicinga ngeezomini ndisafunda esikolweni samabanga aphantsi nesikolo samabanga aphezulu, ndafumanisa into yokuba asisosiNgesi kuphela endisifundileyo, kodwa njengokuba ndifunde isiNgesi, ndiye ndafunda nendlela yokuphila eyahlukileyo kule yamaXhosa, ndafunda izimbo namasiko abantu abamhlophe, nangona ndimnyama yaye ndinawo awasekhaya amasiko nendlela yokwenza.

UNeville Alexander wayethanda ukubhala ngendima yesiBhulu eMzantsi Afrika nendlela esathi sabonakalisa amandla orhulumente welo xesha, wayethanda nokukhuthaza ukuba abantu basebenzise ulwimi lwabo ekulweni ingcinezelo yabamhlophe. Utata uNeville Alexander wayebona ulwimi njengento enendima ekwenzeni izinto ezithile, umzekelo xa sifundiswa ngolwimi olungelulo olwenkobe, loo nto ithetha ukuba le mfundo uyifumanayo ayizokukuvumela ukuba ube nguwe, ikubumba ukuba ube ngumntu owahlukileyo, futhi ikubhekelisa mpela kubuwena.

Ndingqinelana naye utata uNeville Alexander. Ndazifumanisa ndingumntu owahlukileyo esikolweni nasekhaya. Ndandingumntu osuka kwikhaya elinezizalwana ezininzi, abanye andibazi nokuba sizalana njani kodwa ndiyayazi ukuba singamalungu ekhaya elinye. Umzekelo esiXhoseni xa umakazi okanye udadobawo ekubiza mtshana, loo nto ibonakalisa ubudlelwane, nokuba ubiza umntu amthandayo, kodwa esilungwini kukho u-niece, loo nto seyibonakalisa isini, kodwa esiXhosa asikho isini, umtshana angaba yintombi okanye inkwenkwe. Loo nto ibhidisa kakhulu xa kufuneke ufunde ukuba izinto azifani kolunye ulwimi. Kufuneke uhlale uguqulela amagama esiXhosa uwasa esiNgesini, okanye uguqulela amagama esiNgesi uwasa esiXhoseni xa uthetha ngokuba ezilwimi azifani.

Ndiye ndibone ukuba kunzima mpela ukuthetha ngesiXhosa ndingaxubanga nesiNgesi, futhi ndiye ndibone nabazali bam bethetha isiNgesi xa bethetha nam ngenxa yokuba ndifunde kwisikolo sesiNgesi, futhi nabo kuba bethetha isiNgesi emisebenzini yabo. Nezimbo ezi zam zibonakalisa ukuba ndiye ndanesiNgesi mpela. Ndiye ndizibone

ndizama ukuqonda ukuba ndizalana njani nabantu abathile endingabaqondiyo kusapho lwam, ngenxa yokuba esikolweni sisoloko sibuzwa ngemvelaphi yethu, futhi kuzanywa ukufunyanwa umnombo wethu. Loo nto yayikade ingenziwa kwaXhosa, wonke umntu wayengowakowenu, nokuba akazalani nawe ncakasana.

Ndiye ndithande ukufunda amabali ayebhalwe mandulo, ngokuba uninzi lwawo anembali eninzi endingenakukwazi ukuyifumana kubazali bam. Ndiye ndizibone ndinemifanekiso-ngqondweni yobomi bakudala, nangona ndingazange ndabuphila. Ndiye ndichulumance gqitha xa ndisiva ngamabali ayebhalelwa elalini yam, eZazulwana ndizibone nam ndikulo elo bali. Loo nto iye indixolise futhi indibonise ukuba ulwimi lunamandla, futhi indlela esinokukwazi ngayo ukugcina inkcubeko yethu kukufunda amabali akudala nokubhala amatsha, singazilibali iilwimi zethu futhi singayilibali nemvelaphi yethu.

IsiNgesi senza ukuba kube nzima ukugcina amasiko nenkcubeko yethu ngenxa yokuba isiNgesi sibonwa njengolwimi oluphucuke kakhulu kunezethu iilwimi, futhi namasiko nenkcubeko eza nesiNgesi ithathelwa phezu njengeyona isemgangathweni kunenkcubeko namasiko ethu. Kufuneka sisebenzise iilwimi zethu ngendlela esiza kukwazi ukuzibona zibalulekile, futhi sikwazi ukuzibeka kwizinga eliphezulu ngokuzisebenzisa yonke imihla sitsho singabi ngamakhoboka esiNgesi eseza ngeenqanawe ngenjongo yokusicinezela. Iilwimi zethu zibalulekile futhi zibonakalisa ubuthina nemvelaphi yethu. Masingazilabali.

From my experience of being exposed to whiteness I have learnt the importance of one knowing their history, who they are and how they are in the context of their culture. It is thus important to read books containing our history. It is important to read stories about our people. It is through this that we will not completely lose who we are.

SAKHIKHAYA DLALA
isiXhosa

‘Ukudibana kobuntu’ (lenguqulelo ize noZandile Manzini wa kwaZulu Natal obethabatha inxaxheba kumbhiyozo wababhali obubanjelwe eMlazi, kude kufuphi naseThekwini), kuthetha ngokudibana kweenkalo ezenza umntu abengumntu ogqibeleleyo. Umzekelo mna, igama lam ndinguSakhi, kodwa iinkalo ezenza uSakhi ziquka ibala lam, isini sam, izinga lemfundo endinayo, imekobume yam kwezentlalo noqoqosho, ziquka ukomelela kwam kunye nempilo yam kunye nezinye iimpawu ezininzi. Masijonge ke ngoku intsusa yale nkcazo-ngcingane (okanye indlela yokuqiqua/ingqiqo).

Ukudibana kobuntu yinkcazo-ngcingane ecacisa iindlela ingcinezelo ethi yongamele abantu kwiindawo ngeendawo abazifumana bekuzo kweli limaga’ahlabayo. Le ngqiqo siyibone inikwa ingqalelo kunyaka ka-1989, isungulwa ngumbhali netshantliziyo elichasene nokucinezelwa kwamanina uKimberley Crenshaw nongoNtsundu waseMelika ngokuzalwa. Njengetshantliziyo elintsundu elichasene nengcinezelo yamanina, uCrenshaw uqaphele ukunqongophala kwemfundo ebanzi ejongene nengcinezelo yamanina aNtsundu

UCrenshaw waqaphela okokuba amatshantliziyo amhlophe amalungelo amanina axabise imiba engqamene namanina amhlophe kuphela, loo nto yenza okokuba imiba yamanina aNtsundu isalele emva, kungesi sizathu awathi wabona kukho indingeko yokufunda nokuqwalasela ingcinezelo yamanina aNtsundu ngokubanzi. Loo nto ithetha okokuba ingcinezelo eMelika yayizokuqwalaselwa ngokujonga ifuthe elithi lidlalwe ziinkalo ezenza umntu: ibala, isini, imfundo, imekobume yakhe yezoqoqosho, ukomelela komntu, impilo kunye nenkolo yakhe.

Le nkcazo-ngcingane ibe nefuthe elimandla ekusekweni kwemibuto yabafundi elwa ingcinezelo kumaziko emfundo ephakamileyo kweli. Nangona amanye efunyenwe esilela ekuqinisekiseni okokuba le mibutho iyawuqaphela lo mba, kubalulekile ukuncoma

What do we understand by intersectionality and what is its importance in the black liberation project? I understand intersectionality as a social theory that looks at how oppression occurs on various fronts as a result of the intersection of different identities that make up the person. Its significance is that we are able to locate our suffering not only from a racial lens but also through our class, religion, gender and level of education, this is important in that everyone should, however ‘different’ they may seem from others, be able to take part and feel as an important part of the effort towards the full liberation of the African people.

APPLY TO BE A MEMBER OF THE VERNAC NEWS TEAM!

Do you wish to revolutionise and transform your society and the way our African languages are appreciated and utilised? Do you want to be a part of the new African renaissance at UCT? Your calls have been answered! All students from first to final year, Vernac News is looking for you!

You will be sharing your voice on a platform of free expression through written formal or informal articles in any African language of your choice.

As well as this, we invite photographers, designers, social media connoisseurs, etc. to apply for a position!



Vernac News at SONA 2016

VERNAC NEWS APPLICATION FORM



STUDENT INFORMATION

- FULL NAME
- STUDENT NUMBER
- EMAIL
- CELL
- YEAR OF STUDY
- DEGREE REGISTERED FOR
- NUMBER OF YEARS AT UCT

POSITIONS AVAILABLE

- SNAPCHAT COORDINATOR
- FIELD PHOTOGRAPHER
- AFRIKAANS EDITOR/WRITER
- TSHIVENDA EDITOR/WRITER
- MARKETING MANAGER, SOCIAL MEDIA MANAGER
- GRAPHIC DESIGN EDITOR/DESIGN EDITOR
- WRITERS FOR ALL LANGUAGES

CV AND MOTIVATIONAL LETTER (BOTH 1 OR 2 PAGES)

- PLEASE ANSWER THE FOLLOWING IN YOUR MOTIVATIONAL LETTER:
- 1. WHY DO YOU WANT TO JOIN VERNAC NEWS?
 - 2. WHICH POSITION/S MIGHT YOU BE INTERESTED IN AND WHY?
 - 3. IF YOU ARE A PART OF ANY SOCIETIES, PLEASE LIST THEM AND STATE WHICH POSITION/S YOU HOLD.

PLEASE NOTE THAT STUDENTS APPLYING FOR WRITING POSITIONS MUST BE COMFORTABLE WITH READING AND WRITING IN VERNACULAR SOUTH AFRICAN LANGUAGE, AS WELL AS LANGUAGES FROM ACROSS THE CONTINENT.

PLEASE SEND APPLICATIONS TO vernacnewsuct@yahoo.co.za



AVAKEL'AMAHM-HM!

SIPHOSETHU PHIKELELA
isiXhosa

Unxila'minxek'imixhad'eGoli akay'qond'intlungu ethe xhakasa kum emagxeni
Ndiboleken'iindlebe, ndizakugqagqanisa ndixel'umgqakhwe'sity'ilifa,
Ndiz'tyand'igil'imbilini yam ndiy'bhodle de ndiy'tyekeze
Ziliqel'iincwadi ndiz'bhalile, kude kwashokoxeka nencindi yosiba ntonje
kunqab'impendulo,
Kumathaf'entandabuzo ndeyele, ndihlangule ndiyafa yiqabaka zezikaTshiwo noba
selinqanqaza, ndiswel'imirhaji yokuqum'ubuze bamelizweni bubhentsile,
Tyhini ndiphendule.

Mhla wafulathel'ikhaya elam labalinye,
'zundikhumbule kwakuvel'ubumnyama uzujong'emv'ubuye,
Wandithembis'izulu nomhlaba,
Uthando nenyanyiso kanti ngamampunge lawo into endingasokuze ndiy'bone,
Waba ngudlalan'into engenamva namphambili,
Kwasesizalweni sikanyoko, waswel'umkhondo,
Uyint'wapheqhwarela ngengqondo. Ndinomsindo.

Akukho mzi ndingawungenanga ndingqiba ndinkinqa sendide ndalixhoba
lentlebenswane,
Intlungu yam bayenz'isixhobo sokuxhuzulana bandixhaphaza ngezigxeko akukho
namnye ondixhasayo. Kungenxa yakho.
Iminyak'engak'useGoli, ubuya neponti sebek'biza nangoSkoli..
Kunjalo nje awuzisoli.
Ndiyahamba'ndidlali, kosa ndibhinq'ityali kwezolali, ndiyaya noba'ndinamali.
Kudala ndijingxela ndixhathala akusanced' ukhala
Mehlo am ndibonise nyawo zam undithwale khe ndiye kwantliziyo ndise, apho
kunge nje.
Kudala ndimnyamezele, mna nguye ndanele,
Zenimxelele ndimkile.

AFRIKA LIZWEKAZI NDINI

ASEMAHLE SONQAYI
isiXhosa

Afrika lizwekazi ndini
Xhoba lamaxhalanga akuxhax'ekuxabel'ekuxhel'ekuxhaphaz'exaph'igazi lakho
Ekusikelela ngokumasikizi, engenalusizi
Indlal'ithwax'abadala ayinalusizi nangaba ncinane
Ishiy'amathambo ombatho izikhumba kuphela phez' kobuso bakho
Kuba kaloku wena ubuncwane bakho ayisebobakho
Lithambo kuxhwitha-xhwithana ngalo zizinja zase Ntshona
Bohluthwa phambi kwakho nje ngokufa kusub'imiphefumlo yabantwana bakho
Kuba kalok'iingqondo zesizwe sakho kulapho ubukhoboka butyalwe khona-
Bufakwa buntyhalwa bunyhalwa bunyanzeliswa
Zizizukulwana ngezizukulwana zengxilimbela zaseNtsona-
Ngcambu zabo ezithe zanabela nakwesesixhenxe isizukulwana
Afrika lizwekazi ndini
Elangcatshswa ngoo Nongqawuse bexel'uYudas Iskariot engcatsha unyana womntu
Belahl'imbo ngophoyiyane bedunyelwa kukukhazimla kweqhosha labanyepha
Bachwechwa bangena bexel'inkqay'ingena ngentlontlo
Laqal'udushe yasisidube-dube
Kukrutha-kruthwana ngobutyebi obombathiswe sisiqu sakho
Izibakala ngezibakala ugxeke ngobudenge ukuswel'ulwazi nobutyhakala
Uselikhoboka elixhagwe ngamatyathang'engcinezelo , oko bayakulibala
Yini na uSombawo asong'izandla kulo monakalo
Afrika lizwekazi ndini
Wena mzalikazi wamagorha amaqhawe namadelakufa
Siyal'ukuba esi ibe sisiphelo sakho
Vukani mlisela nomthinjana
Likhali'ixilongo sabelani
Nyusan'imixakatho yobugorha nijolise phambili edabini
Nitsho nisithi "Ayizange ibe sisiqalo sethu esi, ingasokuze ibe sisiphelo sethu"
Thina sizinkosi neenkosaza!
Afrika lizwekazi ndini, Afrika lizwe lethu

SEANAMARENA!

LESUDI MMAKWATA
Sepedi

Wa mpitša kobo nkekenene ke tla go dumela,
Wa mpitša kobo ya thutu, aowa lenakana le thwi!
Wa mpona o tla re ke mpatlatatšane,
Wa re ke thola, ka la boreletšana letlalo.
Botšiša dialoga di a e tseba teng yaka!
Ee, ke Seanamarena re!

Ke setlering se tleremotša matlekere pelwana tše!
Ke sekhupi sekhupa dihunelwana tša bokamoso!
Ge mathari a mpona, a tla re go betha mokgolokwane!
Masogana a re tlala o itshintše nna ke swere Seanamarena!

Ga ke tlankele ke bašimanyana, maminana!
Aowa! Bo mapimpan'a matwana a masehla!
Eyee! Masetlapelo go dibodu thobela,
La re go mpona la hlaba thedi la bodulala,
La re nkabe Modimo a re dimollele yena!
Re tla mo apara neng yena yo?

Ka bona bo Pheeha, bo kopano le bo Phuti,
Ka kwa ke itšhatšharela.
Tšeuwe gape ke dikakapa,
Di retwa di sa ya mokatong
Ee, ba nkakatletše le ka nala tša maoto!

POETRY

KULA KOKWANA

NKATEKO MALULEKE

Xitsonga

Ti dya ti ya endzhutini ka kokwana,
Xikomu se xa hlomuka embhinyini
Ndzima yona u boxile
Mihandzu ya ntamu wakwe ndzi dyile

U ndzi wundlile kokwana
U ndzi kombile rirhandzu swonghasi
U wile a pfuka na mina
A ndzi ongola loko ndzi vabya

A ndzi bebula hi dzovo,
A ndzi mbuwetela loko ndzi rila
A ndzi swekela swintsongo
A ndzi kufumeta hi vuxika

Namunthla ndzi kurile kaa!
U ndzi kurisile hi rirhandzu mukhegula loyi
Ndza swi kota ku yima ndzi tihandzela,
Xi ndzi dyondzisile xikoxa lexi.

Ndzi ba mandla ndzi vuyelela,
Ndzi khensa rirhandzu raku kokwana
A ndzi tava mani loko a wu lo ndzi hlamba mandla?
Milawu a ndzi ta dyondzisa hi mani?

Jaha ra ka Maluleke ri kumeka eJoni hi vutshamo. Ri endla tidyondzo ta nawu eYunivhesithi ya Limpopo (Turfloop Campus). Ri tirhandzela ku khutaza no hlohlotella vanhu van'wana leswaku va humelela evuton'wini bya vona eka leswinene leswi va swi navelaka. Ri sungule ku tsala switlhokovetselo hi lembe ra 2013 endzhaku ka loko ri vone eka Google ku nga ri na switlhokovetselo swa Xitsonga. Loko ra ha sungula, a ro tsalela ku tsakisa nhwana wa rona loyi a ri hlekisana na yena, rirhandzu manani. Endzhaku ka loko vanghana va rona eka Facebook va rhandzile ntirho wa rona, ri sungule no tsala ri swi hoxa eka Google. Ku tihlanganisa na jaha leri, vito ra rona eka Facebook i: Inkateko Malukz . Twitter: @inkateko_A1 .

Website ya rona hi leyi landzelaka, mi ta kuma ntirho wa rona wun'wana: <https://inkatekonpoetry.wordpress.com/>

Mala Mogodu

PUMELELA NTSEZO

isiXhosa

-Ulusu nesonka samanzi okanye ipapa ngendlela yaseBotswana/yamaTswana
Nanjengakuqala, lendlela yokupheka izakubangesilungu, ndilungiselela wonke umntu, sikwanzi ukupheka sonke

Ingredients

- 500g ox tripe, thoroughly cleaned and cut into strips or cubes
- Ox intestines, also washed thoroughly and cut into pieces
- 5 garlic cloves, crushed
- 3 sprigs fresh rosemary
- 1 large onion, diced
- 2 sprigs fresh thyme
- 1 litre beef stock
- Salt & pepper to season

Method


-In a large pot, throw in all the meat and season well.
-Combine the rosemary and thyme into a bouquet garni (The little bags made of silky fabric) and throw into the pot.
-Throw the garlic and onion in and cover well with water and stock and let it simmer on low to medium heat for 3 - 4 hours, constantly checking for water depletion and upping when necessary.

Serve with hot pap or dumplings.

Image credit: twicsy.com



MEMES



iGingerbread latte noKatlego Maboe

PUMELELA NTSEZO
isiXhosa

Zinike lo mfanekiso ngqondweni: Umile phambi kwevenkile yokutya iOcean Basket kwindawo ekuthiwa kuseSeapoint ekapa, ulinde umfana owawumbukela rhoqo ekuseni xa ulungiselela ukuya esikolweni. Akungena kule ndawo umlinde kuyo, ungena ngathi ngumntu njee-e, uzicofela iphone yakhe kuba ecinga ukuba ufike ngaphambi kwakho. Ibindim ke lo obekulendawo mhla ndidibana nokatlego Maboe, umdlali wakumabonwakude, imvumi, i-presenter kwakunyeye nobhuti omdala kusisi wakhe omncinci onobuhle bentyatyambo enqabileyo, othi wakuyibona woyike nokuyichola.

uKatlego usebenza apha ekapa , uyi-presenter yenkqubo kamabonwakude iExpresso edlala rhoqo ekuseni ku-SABC 3. Sithe sakuhlala phantsi ndaqaphela kwangoko ukuba ayinguye lo mntu bendisoyika ukuba uza kubanguye ndakudibana naye. Ebeziphethe ngokungathi ngumhloba wam wakudala kwaye sancokola ngokungathi ngabantu abakha badibana ngaphambili. Unesidima esingaphosekiyo xa uthetha naye. Ukatlego ukhulele eNorthern Cape ehlala nomama wakhe noDadewabo oza emva kwakhe. Ufunde kwaseNothern Cape wade wayakufumana isidanga se-Accounting. Apha kule ncoko yethu ke undibalisele ukuba i-Accounting lena ayonto wayenza ngokuyithanda, nto nje wayesenzela umama wakhe owayefuna enze into ebizakumnika ikamva. Yena wayefuna ukufunda umculo. Ndibone kwezizithuba ke ukuba uKatlego, owaziwa ngoKat, kudala wabangumntu ophumelela kuyo yonke into ayenzayo. Wasifumana isidanga

sakhe, evuya kakhulu umama wakhe, watsho wenza le nto yayilangazelelwa yintliziyo yakhe, umculo.

Uye wacula iminyaka eliqela phambi kokuba babone,yena neqela lakhe, ukuba njengabantu abacula kunye, abafuni zinto zifanayo, yaba kukohlukana kwabo ke oko. Akayekanga apho kodwa ke yena, uqhubelekile nomculo wakhe, wangena nakwezokudlala kumabonwakude wade walapha akhoyo namhlanje.

Zininzi izinto esithethe ngazo noKatlego, usapho yenye yezo zinto. Ndivuye kakhulu ndakuva ukuba siyavumelana kwinto yokuba, ukuba ngumntwana wokuqala kowenu kuye kongeze uxanduva lokuphumelela, ngokuba kukho abantakwenu abalandela emvakwakho abajonge kuwe ngento yonke, ebethetha ngodadewabo apha.

Njengoosaziwayo abaninzi, ndithe ndakumbuza ngeziganeko zezinyanga zisandula kudlula kwiidyunivesithi zeli, ndambona ukuba uyachukumiseka nanjengamntu mnyama owadibana nobunzima naye ngelakhe ixesha edyunivesithi. Uthe uyabaxhasa abafundi kuba zininzi izinto ezisadinga utshintsho apha elizweni lethu kodwa ke, akavumelani ncam neendlela izinto ezenzeke ngayo. Uthi imkhathaze kakhulu into yokuba abona bantu bekufanele ukuba bebekhusela abafundi, ikwangaba bebebaxhaphaza.

Nanjengamntu uthanda ukuzama izinto ezintsha, uthe wakubona i-Gingerbread latte kwi-menu, wakhetha yona. Siyizame ngaxesha linye, iziphumo zafana futhi:

uncumo olukhulu kubuso bethu. uKatlego ngumfo apha owonwabisayo,ohlekisayo kwaye ochubekileyo. Bekumnandi ukhe ndihlale phantsi naye , sincokole. Ndithi ndakumbona kumabonwakude ngoku, ndicinga i-gingerbread latte.

Katlego Maboe is one of the most promising entertainers in Mtzantsi currently. Pumi sat down with him in a short, one-to-one just to find out a few things about him that the public might not know. Find out what are his hobbies and who matters the most to him as he enjoys a gingerbread latte with Pumi.



Moaparo le Mmino wa setso

TSHEGOFATSO NGWAKO
Setswana

Moaparo wa setswana ke mo aparo o e leng gore le sale go tloga bogologolo o dirwa ka matlalo a diphologolo jaaka Kgomo,nku le nkwe. Mo aparo wa setswana o akaretsa Makgabe ke mo aparo wa basetsana,Tshega e aparwa ke borre kana basimane, Serampeetshane ke ditlhako tsone di dirwa ka letlalo la Kgomo.Motlokolo,one o aparwa ke makgarebe, ke sekete se se telele kwa morago.

Dikobo di dirwa ka letlalo la Nku le sugilwe.Leteitsi,lone le aparwa ke basadi ba ba nyetsweng,le ba ba berekang ha gona le ditiro,jaaka kwa dipitseng.Batswana gape ba dirisa letlalo la Nkwe,lone le aparwa fela ke dikgosi.

Tsutsube ke mmينو o o amanang thata le Basarwa,mme one o itsege thata gotswa kwa dikgaolong tsa naga ya Botswana,ko go nnang teng Basarwa le bakgalagadi.mme o ka bonwa gape mo dikgaolong tsa kwa bogareng jwa Bokoni Bophirima.Basarwa ke batho ba e leng gore ba tlhalosa matshelo a bone,kana mokgwa o ba tshelang ka one ka mmينو ono. O ka ithuta ka matshelo abone,jaaka ditumelo tsa bone mo Modimong kana mo Badimong, maikutlo a bona,tiriso ya ditaola le dilo tse dingwe.

Phatisi ke mmينو o o binwang thata ke borre,one

o binwa ka go tswakanya maoto,bangwe ba ka o bitsa morabaraba,eleng motshameko mongwe wa setswana. Ke mmينو o o tlwaelegileng thata mo merafeng ya Bakwena le bangwaketse kwa Botswana,gape o ka fitlhelwa kwa Bokone Bophirima.

Setapa ke mmينو o o binwang ke borre,one o tlwaelegile thata kwa bo Ngwaketsi. One o itsege ka botlalo gotwe Setapa sa diphate,o ne o bediwa jalo gonne o ne o dirisediwa matlalo,mme gompieno mmينو ono o fetogile gonne le bomme ba ka o bina fa borre ba ba binisa,mme bomme ba o bina bantse ba thetha fa pele ga borre,ba ba thethela jaana fela e le go natetsha mmينو.Fa bomme ba ntse ba thetha jalo go bidiwa Konkomi.Kana Setswana sare ‘Konkomi ka kwa morago,ka fa pele kgomo di atswa’.

Mmamarutlhe ke mmينو o o simologileng kwa Lehurutshe,one o binwa gantsi ka thobo.

Huru ke mmينو o eketeng go a tshamikiwa, o binwang ke basimane fa ba ile letsomong kana go disa,ba o bina jaana ba etsa diphologolo,mme one ke mmينو o o tlwaelegileng thata go binwa kei Basarwa,ka ba rata go tsoma,le go disa ka ba tshela thata gaufi le diphologolo.

Hosana ke mmينو o bogologolo o neng o binwa ke Bakalaka,one o binwa fa go rapelelwa pula,mme go aparwa Bontsho le bo sweu,Bontsho bo supa maru a pula mme bosweu bo supa yone Pula kana metsi.

Batswana people like to express their emotions by dancing and singing,Batswana are divided in different clans,and each clan has its own history in terms of the dances. These days all clans dance those different dances of Batswana.

Vernac News Multilingual Dictionary

Whenever we find dictionaries for our own languages they are not only serving the purpose of translating between that language and english, but they also do not aim to keep up with changing trends and new terms that are invented everyday. This is why this initiative exists to record and create important terminology that we can reference between our languages instead of relying on english as a middleground.

If you would like to contribute to the Vernac News Multilingual Dictionary, please contact us at: vernacnewsuct@yahoo.co.za

ENGLISH	XITSONGA	SETSWANA	ISI NDEBELE	ISI ZULU	ISI XHOSA
Dictionary	Xihlamuselamarito	Bukafoko	Ibhuku elichaza ulimi	Isichazamazwi	Isichazimagama
University	Yunivhesithi	Yunibesiti	iYunivesithi	kwaNgqondonkulu	Idyunivesithi
Tutorial	Thuthoriyali		Ithuthoriyali	Ithuthoriyali	Ithuthoriyali
Lecture	Kamara ro dyondzela	Thuto	Isifundo	Isifundo	Isifundo
Book	Buku	Buka	Ibhuku	Incwadi	Incwadi
Time	Nkarhi	Nako	Isikhathi	Isikhathi	Ixesha
Essay	Xitsalwana	Tlhamo		Imvusamqondo	Isincoko
Project	Purojeke	Projeke/letsema		Umklamo	Iprojekthi
Assignment	Ntirho		Umsebenzi	Umsebenzi	Umsebenzi
Meeting	Nhlangano	Bokopano		Umhlangano	Intlanganiso
Initiative	Goza	Maitlhomo		Isongozo	Iphulo
Idea	Miehleketo	Kakanyo	Umcabango	Umbono	Uluvo
Write	Tsala	Kwala	Bhala	Bhala	Bhala
Edit	Lulamisa/hlela	Baakanya/siamisa	Ukulungisa umbhalo	Hlela	Hlela
Cafeteria	Xitolo xa swakudya	Lefelo la dijo	Indawo yokudla	Indlu Yokudla	Ikhefi
Going out	Ku tihumesa	Ikhitsha/go tswa	Ukuzikhipha	Hambahamba	Ukuphuma
Party	Ntlangu	Moetlo	Iphathi	Umbhidli	Isisusa
Library	Layiburari	Laeborari	Indlu yokubala	Umtapo	Ithala leencwadi
Shop (n)	Xitolo	Lebenkele	Isitolo	Isitolo	Ivenkile
Language	Ririmi	Puo	Ulimi	Ulimi	Ulwimi
Politics	Tipolotiki	Dipolotiki	Ipholithiki	Ezombusazwe	Ezopolitiki
Protest	Toyitoya/Toyitoyi	Mogwanto		Umbhikisho	Uqhankqalazo
Apartheid	Xihlawuhlawu	Tlhaolele		Ubandlululo	Urhulumente

FOLLOW US ON SOCIAL MEDIA



@vernac_news



@VernacNews



Vernac News



Vernac News

